# ISAZISO SIKAWONKEWONKE
# INKQUBO YOLWABIWO LWAMALUNGELO OKULOBA (NLML)

1. **UMphathiswa weSebe lezoLimo, amaHlathi nezokuLoba limema abafaki-zicelo ngokwemimiselo yoMthetho i-Marine Living Resources, 1998 (uMthetho onguNomb. 18 we-1998) ukucacisa ezokuloba kula macandelo alandelayo:**

   1.1 UKrebe i-Demersal;
   1.2 I-Hake Handline;
   1.3 UMnatha oMkhulu wokuLoba iProni wakwaZulu-Natal;
   1.4 IMbatyisi;
   1.5 ISkwid;
   1.6 I-Traditional Linefish;
   1.7 I-Tuna Pole-Line; kunye
   1.8 NeeMbaza eziMhlophe.

2. **Isimemo sokufaka isicelo sala malungelo kwakunye nomgaqo-nkqubo jikelele, umgaqo-nkqubo ogqalileyo wecandelo ngolwabiwo nokulawulwa kwamalungelo okuloba, umzekelo wefomu yokufaka isicelo kwakunye namanqaku engcaciso ashicilelwe kwiPhephandaba loMbuso (Government Gazette) elinguNombolo 36675 lomhla we-17 kweyeKhala (Julayi) yowama-2013 (iSaziso 750 naeSaziso 751).**

3. **Inkqubo yokunikezelwa kwezicelo njengoko kucwangciswe kwiThebhile yo-1 iza kuqalisa ngoMvulo, umhla wama-22 kweyeKhala (Julayi) ngentsimbi ye-08h00 ize ivalwe ngoLwesihlanu, umhla we-16 kweyeThupha (Agasti) yowama-2013 ngentsmbi ye-16h00.**
   3.1 Abantu abanqwenela ukufaka izicelo zamalungelo okulobela ukushishina kula macandelo angentla mabathathe oku kulandelayo bakuselinye lamaziko onikezelo adweliswe kwiThebhili yo-1 ngezantsi:
   **(i) incwadi yesazisi yomntu ozokuthatha ifomu nekopi yephepha lokuqala lesazisi salo mntu;**
   **(ii) ukuba ngaba ifomu yokufaka isicelo ilandwa ngomnye umntu egameni lomfaki-sicelo kufuneka incwadi (ileta) enika lowo uyilandayo igunya kunye nekopi yesazisi salowo uyilandayo neyomfaki-sicelo okanye amaxwebhu okubhalisa.**

   3.2 Abafaki-zicelo kuyakulindeleka ukuba banikezele ngeedilesi zabo zeposi, umnxeba, ifaksi neenombolo zeselula kunye nedilesi ye-imeyle.

Isaziso sikawonkewonke malunga nemihla yenkqubo yokwamkela siza kukhutshwa apha ekuhambeni kwethuba.

# ISHEDYULI YAMAZIKO OKUNIKEZELA E- NLML

| NO. | INDAWO | IDILESI | UMHLA NAMAXESHA OKUNIKEZELWA |
|---|---|---|---|
| 1 | E-PORT NOLLOTH | Kwi-ofisi yeFishery Compliance, Court Building, Beach Road, ePort Nolloth | UMvulo, 22 kweyeKhala (Julayi) 2013 ukuya kuLwesihlanu, 16 kweyeThupha (Agasti) 2013 Ukusuka 08:00 ukuya 16:00, kuquka uMgqibelo, 27 kweyeKhala (Julayi) 2013 noMgqibelo, 3 kweyeThupha (Agasti) 2013 ukususela 08:00 ukuya 12:00 kwezo ntsuku zombini, kodwa kungaquki uLwesihlanu, 9 kweyeThupha (Agasti) 2013 (iholide kawonkewonke) |
| 2 | E-HONDEKLIPBAAI | kwiHolo yoLuntu i-Eric Baker, Dolpin Str, eHondeklip Bay | |
| 3 | E-LAMBERTS BAY | Kwi-ofisi yeFishery Compliance Office, kwiZibuko laseLamberts Bay | |
| 4 | ELANDS BAY | Kwi-ifisi yeFishery Compliance, Jetty Road, e-Elands Bay | |
| 5 | E-PATERNOSTER | kwiHolo yoLuntu yasePaternoster, St Augustine Str, ePaternoster | |
| 6 | E-SALDANHA | Kwi-ofisi yeFisheries Compliance, kwiZibuko i-Pepper Bay, eSaldanha | |
| 7 | EKapa | Kwi-ofisi zeSLHL (DAFF), Foretrust Building, Martin Hammerschlag Way, eForeshore, eKapa | |
| 8 | E-HERMANUS | Kwi-ofisi yeFisheries Compliance, 248 Still Street, eHermanus | |
| 9 | E-STRUISBAAI | kwiHolo i-Library, Corners of 1st Ave & Main Road, eStruisbaai | UMvulo, 5 kweyeThupha (Agasti) 2013 ukuya kuLwesithathu, 7 kweyeThupha (Agasti) 2013 ukususela 08:00 ukuya 16:00 |
| 10 | E-MOSSEL BAY | Kwi-ofisi yeFisheries Compliance, 64 Bland Street, eSearlor Manor, eMossel Bay | UMvulo, 22 kweyeKhala (Julayi) 2013 ukuya kuLwesihlanu, 16 kweyeThupha (Agasti) 2013 Ukusuka 08:00 ukuya 16:00, kuquka uMgqibelo, 27 kweyeKhala (Julayi) 2013 noMgqibelo, 3 kweyeThupha (Agasti) 2013 ukususela 08:00 ukuya 12:00 kwezo ntsuku zombini, kodwa kungaquki uLwesihlanu, 9 kweyeThupha (Agasti) 2013 (iholide kawonkewonke) |
| 11 | E-JEFFREY'S BAY | Kwi-ofisi yeFisheries Compliance, No 16 Woltemader Street, eJeffrey's Bay | |
| 12 | EBHAYIi | Kwi-ofisi yeFisheries Compliance, 21 Stanley Street, eCentral eBhayi | |
| 13 | EMONTIi | Kwi-ofisi yeFisheries Compliance, Latimer's Landing, East London Harbour, eMonti | |
| 14 | UMTHATHA | Kwi-ofisi zeSLHL (DAFF), Auditorium Ground Floor, PRD2 Building, likona zeDurhem & Sutherland Street, eMthatha | ULweisthathu, 24 kweyeKhala (Julayi) 2013 ukuya kuLwesihlanu, 26 kweyeKhala (Julayi) 2013 ukususela 08:00 ukuya 16:00 |
| 15 | ESAJONISI | Kwi-ofisi yeFisheries Compliance, 433 Bridge Street, eSajonisi | UMvulo, 22 kweyeKhala (Julayi) 2013 ukuya kuLwesihlanu, 16 kweyeThupha (Agasti) 2013 Ukusuka 08:00 ukuya 16:00, kuquka uMgqibelo, 27 kweyeKhala (Julayi) 2013 noMgqibelo, 3 kweyeThupha (Agasti) 2013 ukususela 08:00 ukuya 12:00 kwezo ntsuku zombini, kodwa kungaquki uLwesihlanu, 9 kweyeThupha (Agasti) 2013 (iholide kawonkewonke) |
| 16 | E-PORT EDWARD | Kwi-ofisi yeFisheries Compliance, Lodge 147, Ramse Avenue, ePort Edward | UMvulo, 29 kweyeKhala (Julayi) 2013 ukuya kuLwesithathu, 31 kweyeKhala (Julayi) 2013 ukususela 08:00 ukuya 16:00 |
| 17 | E-DURBAN | Kwii-ofisi zeKZN Wildlife, 25 Stellawood Road, Umbilo | UMvulo, 22 kweyeKhala (Julayi) 2013 ukuya kuLwesihlanu, 16 kweyeThupha (Agasti) 2013 Ukusuka 08:00 ukuya 16:00, kuquka uMgqibelo, 27 kweyeKhala (Julayi) 2013 noMgqibelo, 3 kweyeThupha (Agasti) 2013 ukususela 08:00 ukuya 12:00 kwezo ntsuku zombini, kodwa kungaquki uLwesihlanu, 9 kweyeThupha (Agasti) 2013 (iholide kawonkewonke) |
| 18 | E-RICHARD'S BAY | Kwii-ofisi zeKZN Wildlife,likona zeKrewingkin & Anglers Road, PnP Centre, eRicahrd's Bay (next to Shell Garage) | |


agriculture,
forestry & fisheries
Department:
Agriculture, Forestry and Fisheries
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA


**Ukuba unemibuzo tsalela inombolo yomnxeba woncedo 021 402 3576**